# UNIVERSITY OF FORT HARE

## XHS312 & XHS312E

DEGREE EXAMINATIONS

June 2023

.....................................................................................

Time: 3 Hours

Subject: IsiXhosa

Paper: IsiXhosa Poetry & Drama

Marks: 100

This paper consists of 10 pages including the cover.

Internal Examiners

Dr NZ Gxekwa

Dr M Ganiso

Dr LE Makhenyane

External Examiners

Dr Z Somlatha

Instructions

Phendula imibuzo ibe mine (4).

Phendula imibuzo ibe mibini (2) kwicandelo ngalinye.

## ICANDELO A - ISIHOBE

**Umbuzo 1**

### 1.1 UMafukuzela (DR JL Dube) - SEK Mqhayi

UMzantsi Afrika neAfrika iphela yambethwe lilishwa lokuba neenkokheli ezingoohlohlesakhe nezingathembakalanga.
Khwahlaza, ukhukhuze le miqolo ingezantsi, ubangule iimpawu zenkokheli eziqaqanjiswa ngulo kaMqhayi kulo kaDube ambongayo.

**[25]**

Phindela phesheya nto kaDube!
Phindela phesheya Mafukuzela!
Nkamel' ethwal' iinzingo zeAfrika;
Ithwal' iingxakeko neembandezelo zayo,
Ikhe yathwal' ezinye yaziphumeza,
Yathwal' ezinye, ezinye, kwanezinye;
Thole lenkuzni yaseMpumalanga,
Bath' ukuyibiza nguMafukuzela.

Phindela kwakhona nyath' ematyhobozo!
Thole lesilo, thole lerhamncwa.
Nkunz' ekhonyel' iinkunz' ezikude.
Phesha kwemilambo naphesha kweelwandle;
Nkunz' eth' ukukhonya yenz' umpongampo
Ithath' izisind' iziphose ngasemva;
Ikhuph' umnqambulo kwezinye iinkunzi,
Ibeth' elundeni kwizaphuselana.

Phindel' edabini nto kaDube!
Ukuzalwa wedwa ngumluwanyama;
IAfrika ayizalanga' izalele phantsi;
Nempundan' ekhoy' ibulew' intliziyo,
Yaf' ihamba yaxel' umkholonjane.
Sibe kuy' egqirheni lahlab' ishwangusha,
Ichanti, nohili, nomgubo kaphezulu;
Sakunyuka nengalo lihla noNondyola.

Awu! Laqumb' ithole lakwaJama!
Lalahl' isonka lalahla iinwele,
Lemka ngendlela lemka ngenkqayi;
Lalahl' impilo kwanomphefumlo
Ngenxa yesizwe sasebantwini,
Ngenxa yenkonzo yesizukulu.
Uya kuwufumana won' umphefumlo,
Zibuya nezonka, iyabuya nempilo.

**OKANYE**

**1.2 Izifo zabahle – W Shasha**

Imibongo sisipili sentlalo ukucacica oko ifundisa uluntu ngemiba yasekuhlaleni naleyo iye ibalekwe ukudandalaziswa elubala ngokuthe gca ngenxa yenkcubeko kaXhosa. Khawuthathe lo mbongo kaShasha uthi '**Izifo zabahle**' ubonakalise indlela osebenza ngayo entlalweni njengesixhobo sokufundisa ngezi zifo kuthethwa ngazo apha.

**[20]**

# 20. IZIFO ZABAHLE

Kowu zifo zalo mhlaba zinamanyondololo!
Zigqobhoz' iingxiba ziqhawul' iinkqwemesha;
Gaxothi loodlalani linqunq' iinkciyo,
Yigcushuwa bayiteketisa ngesabahle,
Kuba kaloku ngunamе–name wabarhaqazi:
Bayithol' emadikazini bayifak' ebafazini,
Ityhutyh' umzimb' ikhuph' izisu
Kube yimbutyulela.

Buyani madod' amanyhwarh' anobungozi,
Maqhakuv' abomvan' aqhelezelis' izilonda.
Xelelan' amadikaz' anxib' iinkciyo ngasixhenxe!
Kub' utshaba lwe–AIDS selifikile!
Xelelan' amadod' agqishele nge "khondom";
Bathi ke kwaZulu "yidyasi yomkhwenyana";
Ukuz' akwaz' ukumelana namanzithi–nzith' oncu
Kulokroti kuyalilwa kulogwala kuyahlekwa;
Mna ndith' oodlalani baqala ngoncumo;
Kuncunyelwana kuhlekwa:
Kodwa sive sekuyincwi–i–i–na!

**Umbuzo 2**

**2.1 UMbombayi - Z. Mkiva**

Xhentsa uzombelela, uxoxe ngezangotshe zoncwadi ezisetyenziswe ngulo kaMkiva ukunkqangiyelela inguqu kwimiba yentlalopolitiko kulo mbongo uthi 'UMbombayi'.

**[25]**

1. Utsh' umathamb' esihlwele saseMhlabuhlangene;
2. Intsusamabandla nguMbombay' odume ngezimbo namanyala;
3. Izilonda zengcinezelo nezilandu zongcikivo;
4. Yiyo loo nto ndisithi xa kunamhlanje;
5. Sinyokolondwana, Sinyokolondwana, zis' ibhay' lam;
6. Ilanga liyandishiya kukud' eBhakubha;
7. Sivakel' isikhalo sabantwana beAfrika;
8. Bemhesha, bemchila uMbombayi
9. Besithi chosi ndaba zolwimi.

10.Wena wawukhe way' ePipay'si eVovay'si phants' komkhono;
11.Uya kuma---z' uMbombayi;
12.CBJ msila kaNombinja;
13.Buntingville ndandendile;
14.Choice Assorted tshayisa s'akuthetha;
15.NguMbombayi ke lowo.

16.Mbombayi usidyobhile ngentshong' isizwe;
17.Mbombayi usintlokothisile isintu;
18.Wena Mbombayi wathi uza nelizwe kant' uxel' ilishwa;
19.Wathi usinik' inkululeko kant' uxel' inkunkuma;
20.Wathi wenz' imbumba yamanyama kant' uxel' imbumba yamanyala;
21.Wazibiza ngokub' unguMongameli kant' ungusmangandini;
22.Wazibiza ngokuba uyiNkulumbuso kant' uyinkubabulongwe;
23.Ha-hay' ndithetha ngoMbombayi!

24.UMbombayi wazibiza ngokuba yiPresident kanti yipredator;
25.Wazibiza ngokuba yiParamount Chief kanti yiParamount Thief
26.Kuba uyityile imali yethu wayimungunya;

27.Wayimungunya de wayivungula;
28.Wayivungula de wayivungulela nabanye oothelekweni.

**OKANYE**

**2.2a Bayachamza - W Shasha**

Ukuthungelana kwezinye izifundo nohlalutyo lwemibongo ngomnye wemixholo ebangela kubaluleke kakhulu ukufundiswa kwemibongo ezikolweni nakumaziko emfundo ephakamileyo. Ngqiyama ngalo mbongo kaShasha uthi **"Bayachamza"** ubonakalise ifuthe lezoPolitiko ngokuthi uwuhlalutye uchonge zonke izangotshe zolwimi ozibonayo uzichaze ukuba zibhekiselele phi na.

**[15]**

# 34. BAYACHAMZA

Bamchaza bedyivaza
Betamza kwezimfumamfuma;
Kraqa, qongqololo-o-o
Uncuthu lwezimuncu-muncu;
Lubisi nobusi kodwa bayatsarhwa,
Kub' ayaqhweth' amanqath' omhlaba!
Ze nitye nitye nisishiyele
Makhosi namakhosazana!
Ningachamzi kakhulu kaloku:
Ngahle nintyibilike nityumpantyumpeke,
Tyhini nide nirha-a-a-xwe!

2.2b

Ungathi iziva njani le mbongi kulo mbongo ungentla? Kubonakala mvakalelo zini kule mbongi? Wena mfundi uziva njani xa ubona izinto ezenzeka eMzantsi Afrika xa ufunda lo mbongo?

**[10]**

## ICANDELO B - IDRAMA

**Umbuzo 3 - Amathunzi Obomi - JJR Jolobe**

**3.1** Ngqiyama ngesithako sobukhomokazi saseAfrika, uhlalutye indlela atyhilwe ngayo amanina kulo mdlalo kaJolobe uthi *Amathunzi Obomi.*

**[25]**

OKANYE

**3.2** Xa ubani ejonga indlela uJolobe asizobele ngayo imeko kaMaDlomo kungqinelwa nguSozilwimi uHutch, 2008 xa esithi, "The other side in the battlefield: A side of the people, side of social forces and classes that try to keep the people down"

Xhasa okanye uchase oku kungentla ngokuthi udakance indlela umbhali asizobele ngayo imeko kaMaDlomo.

**[25]**

**Umbuzo 4**

**4.1 Amadoda la afunani ezintsaneni - LL Ngewu**

Le ncwadi iwa kuluhlu lweencwadi ezidandalazisa ukuphunza nokuphanza kwamaphupha oluntu emva kokuzuzwa kwenkululeko.

Dimbaza kule ncwadi kaNgewu ethi *Amadoda la afunani ezintsaneni,* udandalazise ukuphunza nokuphanza kwamaphupha oluntu lwaseMzantsi Afrika emveni kokuzuzwa kwenkululeko.

**[25]**

OKANYE

**4.2 Akwaba - T Ntwana**

Ingaba isihloko salo mdlalo siyangqinelana na nokuqhubekayo kweli bali?

Kwimpendulo yakho caphula imizekelo kokuqhubekayo ukuze apho unakho ufake ezakho iimbono.

**[25]**